


UKHOLO

 Kodwa kufuneka usebenzise ukhoho kuThixo, ukuze uyenze isebenze. Yabona? Ke unovuko olulolwakho ngaphakathi kuwe. Uvuko lwakho lulele ngaphakathi kwakho, kumoya wakho.

² Ngoku, uyazi, xa wafayo emnqamlezweni uYesu, “Umphefumlo Wakhe wehlela esihogweni waza washumayela kwimphefumlo eyayisentolongweni, engazange iguquke ekuzeni kade komsindo ngeentsuku zikaNowa.” Umzimba Wakhe waya engwabeni. Kodwa, phambi kokuba Afe, Wawunikela uMoya Wakhe ezandleni zikaThixo. Ezandleni . . . “Ezandleni Zakho ndinikela uMoya waM.” Ke, uyabona, uMoya Wakhe waya kuThixo; umphefumlo Wakhe waya esihogweni; umzimba Wakhe waya engwabeni.

³ Ngoku, laa Moya wawukuYe yayinguMoya kaThixo. “Laa Moya, kumaxesha amandulo nangeendlela ezahlukeneyo, wathambisa abaprofeti, ukuzisa uMyalezo ebantwini; kwimihla yokugqibela, ngoKristu; kwaye ngoku, kulemihla apha, ngeVangeli.” Ngoku, xa sisamkelela uKristu entliziyweni yethu, nako konke esinesidingo sako. Nabo uBomi obunguNaphakade.

⁴ Ngoku, uKristu ubengenakubuya eze kude kube kuzaliseke iintsuku ezintathu. Ngokuba, uMoya Wakhe wawusemva kwekhuselo, njengesivalo, ngolu *hlobo*, ukuze Angabinakuwelela ngaphaya kwesasivalo, ngokuba oko yayiliLizwi elithethiweyo likaThixo, lokokuba, “Wayefanele alale engwabeni iintsuku ezintathu nobusuku obuthathu.” Ngoku, Akanakubuya eze zide zibe ziphelile ezantsuku zintathu nobusuku obuthathu. Emva koko xa iintsuku ezintathu nobusuku buphelile, uMoya Wakhe wakhululwa. Waya ngqo emphefumlweni Wakhe, waze umphefumlo Wakhe wabuya wazokuchola umzimba, waze wazalisekisa oko Akutshiloyo. “Ndinamandla okububeka phantsi ubomi baM. Ndinamandla wokubuthabatha kwakhona. Ndinamandla.”

⁵ Ngoku, ngamnye kuni unamandla, ngendlela enye, ngokuba ningoonyana neentombi zikaThixo. Kwaye kwa loo Moya okuni, ngale ntsasa, uMoya oyiNgcwele okuni ngale ntsasa, laa Moya uyiNgcwele mnye uyakunivusa. Ke, ninamandla wokuzivusa.

⁶ Xa usifa, umoya wakho uyakuya kwi—kwi. . . phantsi kwesibingelelo sikaThixo, hayi e. . . kanye ngqo eBukhoneni bukaThixo. Ngoku, umoya wakho uyakuya kuThixo, kodwa akunakubuyela emva. Khumbula, eBhayibhileni, Ithi umoya . . . “Imphefumlo phantsi kwesibingelelo, ilila, ‘Nkosi, kode kube nini, koda kube nini?’” Kwaye ayinakubuyela emva zide iZibhalo zizaliseke, kwaye, njengoKristu, engenakubuyela

emva de iZibhalo zizaliseke. Emva koko, emva kwayo, konke obekwenziwe, konke ukuva ubunzima kugqithile, kwaye abazalwana bave ubunzima bezinto ezikwanye, okanye sive ubunzima njengoko beve ubunzima, nanjalo njalo; ngoko, ngala mhla, uyakwazi ngqo apho ungcwatyelwe khona, umoya wakho uyakukhululwa usuka kuThixo kwaye uyakuza emphefumlweni.

⁷ Ngoku, umphefumlo yilandawo kuwe eyaziyo neqondayo, ubukrelekrele bakho. Uyakhumbula umbono endabanawo kungekudala kakhulu, okanye uguqulelo oluncinci, ndaya kula ndawo ndabona abo bantu? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngoku, umoya wakho uyakubuyela emva kula mzimba, kwaye oluya—oluya hlobo lomzimba, umphefumlo, ongumzimba ongadingeki ukuba utye nanjalo njalo. “Ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile,” umzimba wezulu. Kwaye ngala moya, kunye nalamphefumlo kunye nomzimba wezulu, uyakuvusa kwakhona lo mzimba wenyama ukwenzela leya inkulu iMillennium. Yabona? Unamandla kuwe ngoku, wokwenza oko, ngoku. Kodwa, la mandla onawo kuwe ngoku, angenza ihlabathi elitsha. UThixo akanazo ezincinci, ezityhafileyo iindawo; nezinkulu, ezinobunzima iindawo ezinamandla. Okona kuchukumisa kuncinci kukaThixo kokungamandla agqibeleleyo, yabona, okona kuchukumisa kuncinci kukaThixo. Ke, niyazi.

Ke ndizama ukunifikisa kukholo ngoku.

⁸ Niyazi ukuba into ethile yenzekile kuni, njengomKristu. Niyazi? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Beniqhele ukukhwela nihle *apha* ebumdakeni, kunye nabo bonke ubumdaka nesono, nokunxila, nokungcakaza, ne—nezinto zehlabathi. Ke, kwamsinya ekubeni nikholiwe ukuba uKristu uzixolele izono zenu, nivukile naba ngaphezulu kwezo zinto. Ngoku nikhwele phezulu *apha*, yabona, ngaphezu kwako konke. Ngoba? Ngokuba uyakholwa ukuba ungumKristu. Ngoko xa wamkele uKristu, noMoya oyiNgcwele uze kuwe, emva koko uba nokholo kuMoya oyiNgcwele, oko kukunika amandla wokukhwela ngaphezulu kolwa hlobo lobomi besono.

⁹ Kuhle, ngoku, kuphela kwento ofanele uyenze, ukukhwela phezulu kwimpiliso, nje yiba nolungaphezulu ukholo, nje—nje lutyhalele ngaphandle. Yabona? Nantso ke. Ngoku ngoko uyagula, kwaye akungomKristu, yiba ngumKristu kanye ngoku, ukuze lamandla empiliso abe nokuza kuwe, ngokuba ngumKristu. Kwaye oko kuyakunika ukholo lokukhwela ngaphezu kwesono. Iyakunika ukholo. Nayo yonke into onesidingo sayo, kolu hambo, ikuwe ngqo ngoku. Kwaye kuphela kwento ofanele uyenze kukuba nokholo kuThixo, oko kutyhalela eza zinto zilungileyo ziphume kuwe, ezikuwe, ngoMoya oyiNgcwele. Niyaqonda ngokucacileyo ngoku? Niyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁰ Ndiyakholwa uBilly undixelele, phezolo, undibizile waze wathi, “Ngena, ngale ntsasa, ingakumbi ngomntu omnye ozileyo, ecinga ukuba sinenkonzole kule veki, yaloo Matywina Asixhenxe.” Kwaye bazise umntwana ogulayo, ndiyakholwa. Kwaye ukuba ulapha ngoku, mhlekazi, khumbula, akunakho . . . Ukhoho lwakho—lwakho kuyakufuneka luhambele la mntwana, ukuba yi—ukuba yimveku, encinci yomntwana.

¹¹ Kodwa ngoku mandithathe esinye iSibhalo, ukuba konke kulungile, nje ithutyana. [Umzalwana uNeville uyaphendula, “Qhubeka, mzalwana. Amen.”—Mhl.]

¹² Khumbula nje, ngoku, kwiiVangeli, sifunde ngaphaya kwesahluko se-16, ndiyakholwa, yeZenzo, apho ukuba uPawulos noSilasi babesiseleni ngobunye ubusuku. Kwaye babebethiwe ngokuba bakhupha umoya wedemoni kwintombi engumvumisi. Kwaye yayi . . . Kwaye, yona, abaphathi bayo baba nomsindo ngalonto. Bababetha, babafaka kwezingaphakathi izisele. Kwaye xa bakwenzayo oko, ngelixa uPawulos noSilasi babethandaza, kwaye uThixo wathumela unyikomo-mhlaba washukumisa ijele.

¹³ Idindala laseFilipi, ekubeni lingumphathi khulu, ntoleyo, ukuphulukana na—namabanjwa akhe, kwakufanele ibe bubomi bakhe obufanele buhlawule ngenxa yamabanjwa. Wakhupha ikrele lakhe kwaye wayezakuzibulala, xa uPawulos wagidimela ngaphambili wathi, “Ungazenzakalisi. Sikhona sonke.”

¹⁴ Kwaye lomphathi-khulu, wathi, ingcingane ababenayo malunga noPawulos kunye nabo. Kusenokuba bacula imihlabelelo. Kusenokuba bangqina, okanye benza nto ithile. Kodwa, nokuba yayiyintoni, bazi ukuba yayingamadoda angcwele. Bazi ukuba kwakukho into eyahlukileyo malunga nala madoda. Ngokuba, kwamsinya, wabuza, “Yintoni endifanele ndiyenze ukuze ndisindiswe? Yintoni endifanele ndiyenze ukuze ndisindiswe?”

¹⁵ Ngoku, uPawulos wathi, “Kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, kwaye wena nendlu yakho nosindiswa.”

¹⁶ Kuhle, ngoku, ukuba ukukholelwa kwiNkosi uYesu Kristu . . . Oko akuthethi ukuba usindiso *lwayo* lwaluyakusindisa indlu yayo. Kodwa ukuba inokholo olwaneleyo kuThixo ngosindiso lwayo, inganalo olukwalunye ukholo ngendlu yayo. Kwaye indlu yayo kuyakufuneka ingene ngaphakathi, yabona, into ekwanye.

¹⁷ Into ekwanye eyenziwa nguYobhi, njengoko benditshilo ngobunye ubusuku, ezantsi eGeorgia, emhlanganweni. Ndathi, “UYobhi, wathi, ‘Ngoku, andazi ukuba abantwana bam bonile, kodwa kungathini ukuba bonile?’” Kwaye uYobhi wayenento enye yokwenza, yokuba lilungisa, oko kwakukuko, ukunikela ngedini elitshisiweyo. Wathi wayeyakunikela idini elitshisiweyo, ukuba abantwana bakhe bonile, ngoko babeyakuxolelwa isono

sabo. Kwaye yayiyinto elungileyo utata wayenza. Lowo ngutata ocinga ngokulungileyo. Sidinga abaninzi abolohlobo otata namhlanje. Kwaye uYobhi wanikela ngedini elitshisiweyo. Oko kwakuphambi kokwenzeka kwentlekele yakhe.

¹⁸ Kodwa xa abantwana bakhe babulawa bonke, neegusha zakhe zonke zatshatyalaliswa, nako konke awayenako, kwathatyathwa, wayehleli esidulini sothuthu emva kwendlu yakhe, ezikrwempa ngentwana yompha.

¹⁹ Ingaba uqwalasele, emva kweentsuku zentlekele yakhe, xa uThixo waqalisa ukumbuyisela kwakhona? Apho waye neshumi lamawaka eenkomo, nanjalo njalo, Wambuyisela ngokuphindiweyo. Waphindaphinda iigusha zakhe, waphindaphinda into yonke. Kodwa ingaba uqwalasele? Kwaye uThixo wamnika uYobhi kananjalo abantwana bakhe abasixhenxe. Ingaba wakhe wacinga ukuba babephi? Elaa dini litshisiweyo labamela. Basindiswa, eLuzukweni, belindele yena eze. Ukunye nabo namhlanje. “Wena nendlu yakho niyakusindiswa.” Yabona? Ngoku, uYobhi wayenento enye yokwenza, ukuba lilungisa, kukunikela ngedini elitshisiweyo.

²⁰ Unento enye yokwenza, ukuba ube lilungisa, oko kukuthi, yiba nokholo kuThixo. Kuba, ngokholo usindisiwe, ngokholo uphilisiwe, ngokholo ufumana yonke into onayo. Yabona? Kungokholo, lokuba uyayikholwa. Ngoku, “Kholelwa kwiNkosi uYesu Kristu, kwaye wena nendlu yakho niyakusindiswa.”

²¹ Ngoku, mhlekazi, ukuba unosana apha lokuthandazelwa, kholwa, ngokwakho. Ndilapha ukuze ndibeke ukholo lwam kunye nolwakho, kwaye siyakukholelwa, kunye, okokuba uThixo uyakuliphilisa olwasana.

²² Uyabona, sinawo kuthi amandla wokwenza okuya. Unawo kuwe amandla okuyenza. Wonke umKristu unawo amandla wokuyenza. Kodwa ngoku ukuba nje sinoku...Laa mandla alawulwa ngumthetho.

²³ Njengoko ndasoloko ndisitsho, inje ngodontso lomhlaba lulawula amanzi, kuba kungumthetho. Udontso lomhlaba lulawula amanzi.

²⁴ Ilanga, lilawulwa yi—yi...okanye umhlaba, ukujika komhlaba. Akunakulenza ilanga lenze nje nanye into, uze uthi, “Ndiyakholwa ndifuna ukulala ithutyana. Yima iyure.” Alisokuze liyenze lonto, yabona, ngokuba kukho umthetho. Ukuba uyakusebenza ngokwala mthetho, kulungile, ngoko, yonke into iyakulunga. Ukuba uyakuya ebhedini ngexesha, ungavuka ngexesha. Kwaye ukuba u... .

²⁵ Njengoko sine Lake Superior, iLake Ontario, iLake Huron, kunye nazo zonke ezo Great Lakes phezulu apha. Sinamashumi amawaka aphindwe ngamawaka emihlaba phaya eNevada, naseCalifornia, nase Arizona, nase New Mexico, etshayo, ngenxa yalamanzi, omhlaba ayakuvelisa

nayiphi into. Ungondla ihlabathi lonke, phandle phaya, ukuba unganalamanzi kuphela, aphezulu apha, ezantsi phaya. Kwaye ayiyikuyikhathaza lanto, ngokuba inikwa ngumthombo. Nje kwamsinya ephuma, ayenyuka kwakhona abe semgceci, kuba udontso lomhlaba luwagcina phaya. Kulungile, ngoku, ukuba ungasebenza ngokomthetho wodontso lomhlaba, ungathatha zonke ezi Great Lakes unkcenkceshele elalizwe lonke phandle phaya, wondle ihlabathi lonke, akukho mntu uyakulamba. Kodwa akunakuhlala apha uthi, “Ehe. Ndiyayibona. Ngokuqinisekileyo.” Kufuneka uhambe uyokuyenza.

²⁶ Kulungile, leyo yindlela enye eyiyi ngomthetho kaThixo. Umthetho kaThixo lukhoho. Kwaye sinokhoho apha, ngale ntsasa, lokuphilisa nakuphi ukugula, lokwenza nantoni. Kodwa lulawulwa ngumthetho, kwaye la mthetho lukhoho. Umthetho kaThixo lukhoho. UYesu wathi, “Nantoni enithi niyinqwenele, xa nithandaza, ukuba ningakholwa nikwamkele, ningakuzuza.” Nantso ke. Ke, lukhoho oluyilawulayo, kwaye ukhoho lunikwe thina njengoko siludingayo. Ngoku, kufanele si... UThixo wabela abanye bethu ukhoho oluthile, abanye olunye ukhoho. Asingomandla athile angaphezu kwendalo onawo. Ngokuba, xa usiba ngumKristu, sele u—unawo amandla, kodwa usilela ukhoho ukusebenzisa la mandla.

²⁷ Ke ngoku, ngale ntsasa, xa usiza kuthandazelwa, khumbula, iBhayibhile iikutshilo oku. Oku yinyaniso. UYakobi 5:14, “Ukuba kukho nabani phakathi kwenu, ogulayo, mababize amadoda amakhulu ebandla. Mababathambise nge oli, bathandaze phezu kwabo. Umthandazo wokhoho uyakumsindisa ogulayo, kwaye uThixo eyakumvusa.” Sisithembiso, ukuba niyakusikholwa. Ngoko ke, yabona, impiliso yabelwe umntu ngamnye.

²⁸ Kwakungemihla kaYesu waseNazarete. Wayengenakuphilisa abantu ngokuchasene nokhoho lwabo—lwabo. Wathi, “Ndinakho, ukuba uyakholwa. Ukuba uyakholwa ukuba Ndiyakwazi ukuyenza oku, Ndingayenza.” Ukuba ungayikholelwa!

²⁹ Ke, abanye abantu balahlela a—balahlela amandla empiliso kwabanye, abavangeli. Asikuko oko. Amandla empiliso akuwe. Akuwe. Babeka nje inqwelo phambi kwehashe. Umvangeli akanamandla okuphilisa.

³⁰ NguMoya oyiNgcwele onamandla okuphilisa, kwaye unoMoya oyiNgcwele. Lowo ngumthi omncinci onguwo, kwaye zonke izinto ozidingayo zikuwe. Ke, ngoko ke, uqalisa nje ukusela kwisithembiso sikaThixo, usithi, “Yinyaniso. UThixo uthe Uyakundiphilisa. ‘Ngemivumbo Yakhe ndiphilisiwe.’” Nantso ke. Uyakwazi okwenzayo? Uqalisa ukutyhala kuphume impiliso, kuko konke. Yabona? Kuze emva koko, abanye babe nokubona onako.

31 Ngoku yintoni, “Ukholo kukukholosa ngezinto ezithenjweyo; ukweyiseka zizinto ezingabonwayo.”

32 Ndingamalisa lamthi mncinci phandle. Andiwaboni ama apile, kodwa angaphakathi phaya. Laa mthi mncinci uyazi phaya. Ke uqalisa nje ukusela, utyhale utyhale, kuba uyazi, “Kungaphakathi kum. Ndiyakuwakhupha ethubeni. Ndinike ixeshana. Ndigcine nje ixeshana.” Uyaqhubeka nje usela. “Ehe, ndiyazi ama apile akum. Ndiyakuwakhupha, emva kwethuba.” Kwaye into yokuqala oyaziyo, naku esiza. Naku kusiza ama apile, ngokuba uye wakholelwa ukuba akuye.

33 Kwaye ukuba uyakholelwa ukuba amandla kaMoya oyiNgcwele angaphakathi kuwe, ukuze akuphilise, nako ke. Qhubeka nje utyhale. Yabona? Unokholo. Akunakubona iziphumo kwangoko. Akuziboni.

34 Ngoku, yabona, uYakobi wangqinela u-Abraham ngemisebenzi yakhe. UPawulos wangqinela u-Abraham ngokholo lwakhe. Singathini ke ngoko, phakathi kwababini? U-Abraham wayethetha koko . . . Ndithetha, uPawulos wayethetha koko uThixo wakubonayo ku Abraham. Kwaye uYakobi wayethetha koko abantu bakubonayo ku Abraham. Yabona? Ngoku, yabona?

35 Ngoko ke, uThixo wakwazi oko, phambi kokuba usana luze, ukuba u-Abraham waye enokholo. Kwaye u-Abraham wakubonisa oko kuThixo, ngokuphila ngathi (yena) okokuba usana lwaluzakuza ngexesha yena wayengenakuzala. Wayengenabantwana. Isibeleko somfazi wakhe sasifile, kwaye wayenganakuzala. Kodwa, noko, wayazi, “Ndaweni ithile phaya kwakukho umntwana.” Uyabona, waqhubeka esela isithembiso, oyame kwelikaThixo elikhulu i-El-Shaddai, i*Bele*. Oyame phaya, esela, esazi ukuba uThixo uyakumnika lona; wazi ukuba yayisisithembiso, kwaye kwafuneka Asenze.

36 Kwaye singabantwana baka Abraham. Ke masoyame kwisithembiso sikaThixo, sibambelele phaya, sisazi ukuba uThixo uyakusenza. Utshilo njalo. Niyayikholelwa ngoku? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

37 Ngoko mabathi abagulayo benze umgca ngapha kwelinye lamacala okanye elinye, abafuna ukuthandazelwa. Kwaye ukuba sifumana umdala apha aze athambise bona nge oli, ndiyakuthandaza phezu kwabo, kwaye siyakukholwa ukuba uThixo uyakwenza wonke ubani wabo aphilile. “Ukuba ningakholwa.”

38 Teddy, uphi? Yiza kwelicala langasekunene. Oko kulungile. Kwaye ndifuna udlale u*Kholwa Kuphela*.

39 Kwaye ngelixa besazayo, masithobise nje iintloko zethu, isihlwele sonke, kwaye masibe semthandazweni ngaba bantu abazayo.

40 Bawo wethu waseZulwini, sizisa kuWe, ngale ntsasa, eGameni likaYesu Kristu, aba bahluphekileyo, olugulayo, oluva ubunzima uluntu elikule imbi kakhulu, eyintlekele imeko. Ndiyakholwa Wena, Nkosi. Ndi—ndiyazi ukuba aMazwi Akho anyanisile. Anyanise ngenene! Akanakusilela, ngokuba AlelikaThixo elinguNaphakade nelanaphakade iLizwi. Anganamandla-onke, njengoko enjalo uThixo, ngokuba Ayinxalenye Yakhe. “Ekuqalekeni ebekhona uLizwi, kwaye uLizwi ebekunye noThixo, kwaye uLizwi wayenguThixo. Waza uLizwi waba yinyama wahlala phakathi kwethu.” Ngoku, siyakukholelwa oko, Nkosi, ngentliziyo zethu zonke, ngomphefumlo wethu wonke, ngako konke okungaphakathi kwethu. Siyakukholelwa.

41 Kwaye ndizamile, ngelula, indlela yobuntwana, ukuyizisa ebantwini, ukuze babenokuqonda nokwazi ukuba Amandla kaThixo alele ngaphakathi kubo. Ukuba nje bangaba nokholo lwabo kwaye balandele imiyalelo kaThixo.

42 Leyo yindlela abasindiswa ngayo. Beza baze baguquka kwizono zabo, kwaye babhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu, ngokwale Bhayibhile, Izenzo 2. Kwaze emva koko uPetros watsho, ukuba, “Niyakwamkela isipho sikaMoya oyiNgcwele.” Kwaye nanku Usiza, kanye ngqo, ngokuba liLizwi likaThixo libonakalisiwe.

43 Kulungile, ngoku, into ekwanye, Bawo, siyazi yinyaniso, xa sithambisa abagulayo nge oli, sithandaze phezu kwabo. “Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo. UThixo uyakubavusa.” Thixo, wanga ngamnye angashiya esi siguqo, ekungqongeni le ndawo ngale ntsasa, evuya kakhulu kwaye egcobile, ekwazini ukuba uThixo ubaphilisile. “Hamba, uphile.” Kuba sibanikela kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu.

44 Wanga ngamnye angaphiliswa, abambe umbono, oko kuwuthethayo. “Njengo Abraham, wabiza ezo zinto, ezingekhoyo, njengokungathi zikho.” Akukhathaliseki nokuba ezithini iziphumo, oko akunanto yakwenza nokholo. Iziphumo aziyonto. Ukholo sele luyibambile. “Kwaye ukholo kukukholosa ngezinto ezithenjweyo, ukweyiseka zizinto ezingabonwayo.” Thixo, yanga ingazika nzulu ezintliziweni zabo, kuba bayakudinga Wena.

45 Ndiyahamba njengesicaka Sakho esithobekileyo, ukuza kuma apha kunye nezinye izicaka, kwaye ndithandaza ukuba uThixo abeke ezintliziweni zethu ngenxa yaba bantu bagulayo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

46 Umntu othile uthe uMzalwana u-Estle Beeler ebesesakhiweni. Kwaye ndiyakholwa kukho omnye umlungiseleli apha, okhokeleyo emthandazweni, ngale ntsasa. Singathanda ukucela bonke abalungiseleli apha, nantoni abayiyo, ukuba ningenyukela apha nime ningqonge esi siguqo

kunye nathi, nje ithutyana, elincinci, ncedani, bazalwana. Kwaye amadoda...Mzalwana uBen, enkosi. Yiza unyuke uze ume khona apha, ekungqongeni isiguqo apha, ukuze sibenokuthandaza kunye naba bantu, sibeke izandla kubo.

⁴⁷ Ngoku, njengoko bedlala ingoma. Kwaye abalungiseleli bethatha indawo yabo apha, ukuze thina, ngamnye, singabeka izandla phezu kwabagulayo.

⁴⁸ Masibone, ukuhla ukuza ezantsi ngentaba ngaphaya. Ndibona iNdoda isiza, yayingahlukanga kwamanye amadoda. YayiyiNdoda nje eqhelekileyo, uhlobo lomzimba omncinci, uhlobo olucekeceke. Njengoko simbona Yena ejonga, amehlo Akhe ezantsi phezu ku—kumboniso usenzeka ezantsi entlanjeni. Yayingabapostile Bakhe. Babenenkwenkwe ezantsi phaya, eyayinesathuthwane, kwaye kungekho mathandabuzo kuphela koko babekutsho, “Yiphilise, Nkosi! Yiphilise!”

⁴⁹ Kodwa, uyabona, nje ukutsho, “Yiphilise, Nkosi, yiphilise,” akusayi kuyenza. Oko nje akusokuze kuyenze. Kufanele kubekho into ethile emva koko, “Yiphilise, Nkosi, yiphilise.” Yabona? Kwaye ukuba ndingakwenza ukholwe oko, kwaye ukholwe oko ngentliziyo yakho yonke, uzakuphiliswa, ukuba ndikwenza uwubone ngenene umbono.

⁵⁰ Ngoku jonga, abo bafundi beme phaya, mhlawumbi bemdlikidla, mhlawumbi betyhala ngamandla. “Yikholwe, mzalwana! Yikholwe! Haleluya! Yikholwe! Yiphilise, Nkosi! Yiphilise!” Kodwa idemoni lahlala kanye phaya, ngokuba lalengenakufumana kholo laneleyo phaya lokulenza limke.

⁵¹ Kodwa naku kuza Lowo ezantsi ekunqumleni induli. Kwamanye elaa demoni liqonda kwakohlukile kancinci kwamanye amadoda...Yabona?

⁵² Ngoku, olo luhlobo lwamadoda esifuna abephaya, njengeNkosi yethu uYesu. Ehe. Sukuza nje ukwenza isigqezu, kodwa yiza, thanda uThixo wethu, yazi ukuba siyalelwe sihambe siyokwenza oku. Lona ngumyalelo wethu.

⁵³ Ngoko, xa Wenyukayo waya kutata. Ndinga apha kulapho le ngoma yabhalwa khona, yaqanjwa ngeLizwi. Wathi, “Nkosi, yiba nenceba phezu konyana wam, kuba ngamaxsha ahlukeneyo uhlutshwa lidemoni.” Wathi, “Limlahla emlilweni, kwaye limngcungcuthekisa, nanjalo njalo.” Wathi, “Ndimzise kubafundi Bakho, kodwa ababanganakho ukumphilisa. Kodwa ndi—ndi—ndicinge...”

⁵⁴ Wathi, “Ndinakho, ukuba uyakukholwa. Ngoku, Ndinawo Amandla ngaphakathi kwaM,” Wathi, “okuyenza, ukuba ungakukholwa oko.”

⁵⁵ Ingaba uThixo angayeka ababantu ababotshwe ngumhlaza abahleli apha ngale ntsasa, ababebotshiwe, bebopheke ebhedini ngumhlaza, nomhlaza wegazi, ukugula, ukuxhwaleka, ingaba

uThixo uyakubaphilisa aze akugqithe? Ayinjalo. Hayi. Yabona? Ngoku, Akasileli. “Ndinganakho, ukuba uyakholwa.” Yintoni Awayithethayo?

Kuba zonke izinto zinokwenzeka, kuphela . . .

Ngoku, Mzalwana Tyler, nyuka uze . . . ? . . .

Ngoku kholwa nje kuphela, kholwa kuphela,

⁵⁶ Ngoku, njengoko ndithandaza, ndifuna nibeke izandla phezu kwabantu. Nantoni abayidingayo, . . . ? . . . ize nihle kanye ngomga.

⁵⁷ Mzalwana uNeville, bathambise nge oli, kwaye abazalwana . . . ? . . .

⁵⁸ Ndifuna wonke ubani, esihlweleni, ngentloko zenu ziquityudiwe ngoku. Wonke ubani esemthandazweni nzulu.

Kuphela . . .

⁵⁹ Nkosi, yiba nenceba, ndiyathandaza, kwaye uphilise aba bantu, ngeGama lika Yesu Kristu. Amen.

EGameni lika Yesu waseNazarete . . . ? . . .

⁶⁰ [UMzalwana uBranham nabalungiseleli bayathandaza kwaye babeka izandla kwabagulayo, njengoko uMzalwana uNeville ebathambisa nge oli. Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

⁶¹ Abaninzi kakhulu, emgcezi, ndibajongile, ukubona intshukumo yabo indlela ababeyiyo, ndibona indlela abaya kwenza ngayo kokwenzekayo. Yabona? Kukho into enjalo ekukwenzeka, baphakamile beza ngaphambili. Enye into, yindlela abenza ngayo kokwakwenzeka abakwenzileyo. Emveni kokuba beze endaweni ukuba bakholwe, okokuba, xa bethandazelwe, bayakuphiliswa, emva koko jonga ukwenza kokwenza kwabo.

⁶² Ngoku, umalusi wethu unomyalezo omhle wethu, ndiqinisekile, ngale ntsasa.

⁶³ Into enye endingathanda ukuyichaphazela kumzuzu nje, yayiyintombi yomKatolika imi phaya ngasesiguquweni. Kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo yayisendlini yam, yona nomyeni wayo. Kwaye ndimazile umyeni wayo okwethutyana. Kwaye—kwaye kwakukho into ethile malunga nethuba sasihleli kudliwano-ndlebe lwabucala.

⁶⁴ Kulapho saba nombono. Kulapho saba . . . Ndandiqhele ukuba nawo apha ebandleni, kodwa kuthathe nje intsasa, nanjalo njalo. Kwaye ke wawulapho.

⁶⁵ Andizange nditsho kwanto, ngokuba yena ekubeni eyintombi, enye into, okoko yakhuliselwa kwibandla lobuKatolika, nanjalo njalo. Kodwa yaya kuthethelela umama wayo. Kwaye ngela xesha, ndabona umbono kamama wayo. Ndayixelela yintoni ingxaki kamama wayo, kwaye

ndamchaza, nendlela umama wayo akhangeleka ngayo. Kakade, yayingumgwebi woko, ekubeni yinyani okanye hayi. Andizange ndimbone umama wayo, ebomini bam. Iyayazi lonto.

⁶⁶ Kwaye intombi, ngale ntsasa, yeza esiguqweni yema, ukwenza intlambululo, nokwamkela uKristu njengoMsindisi wakhe. Yakwenza oko esiguqweni, ngale ntsasa.

⁶⁷ UMzalwana uNeville, engazi, wamthambisa nge oli. Usebenza njani—njani uThixo! Wamthambisa nge oli, ukwenzela ukugula. Kodwa qaphela intshukuma kaMoya oyiNgcwele. Ngoku, ekubeni ethanjisiwe, eneneni engaguli, kodwa wathanjiswa. Yabona yenza njani yonke into isebenze kakuhle? Yema njengomKristu ngoku, emveni kokuba uye waba koko sikukholelwayo ukuba ngumKristu. Ngoku, yathi, “Ungathandazela umama wam? Uyagula.” Nguye lowo. Ke intambiso ye oli yayiqatyawe kwangethuba. Ndacinga, okunjani ukulungelelana, okokuba, yabona, umntu esandula kusindiswa. UKristu wamela thina sonke. Umela bonke. Kwaye kwamsinya le ntombi isiba ngumKristu, emva koko ifuna ukumela omnye omntu, nayo, ibonisa ukuba uMoya kaKristu uza ngaphakathi kwethu xa sisindisiwe ngenene. Ngoku, oko kulunge ngenene. Ndi—ndikuncoma kakhulu oko, laa moya wobuKristu ulungileyo wokukholwa. Ngoku, khumbulani nje.

⁶⁸ Ngoku, kweli nenekazi lincinci, lilapha ndaweni ithile, nakwelinye lomKatolika inenekazi elizileyo. Kwaye ndingathanda ukutsho lamazwi, nje phambi kokuba ndinikele inkonzo kumlungiseleli wethu, yabona, yile. [UMzalwana uNeville uthi, “Amen.”—Mhl.]

⁶⁹ Ngoku, ibandla lobuKatolika lalifana nelibandla ngaxesha lithile. Ukuba uyakubuyela emva uze ufunde iBhayibhile, esiyikholelwayo, kwaye uyazi ukuba iBandla lobuKatolika yayiliBandla lokuqala. Leyo yinyaniso. Kodwa laphuma lemka kwiiMfundiso Zalo. *Lena* yayiyimfundiso yebandla lobuKatolika. Kodwa, uyabona, banezingamakhulu amathandathu anento ezinye iincwadi abathi oopope nanjalo njalo bazibhala, zona ezo zingcwele kubo njengale Bhayibhile.

⁷⁰ Ke, yabona, yintoni lento, anikatshintshi. Oko nikwenzileyo, niye nje naquguka. Yabona? Ngoku ukuba nithatha... Kakade, ndiyaqikelela mhlawumbi abanye benu, bona ababini, ngale ntsasa, ibingabafazi. Kusenokwenzeka kukho amadoda angamaKatolika ahleli apha.

⁷¹ Ukuba uyakubuyela emva embalini yebandla, ukuba ungabuza umprihi wakho, “Izenzo zaba bapostile eBhayibhileni apha, ingaba leyo yayiyindlela yoku...Ingaba leyo yayingamaKatolika angaphambili?” Ebeyakuthi, “Ewe.” Kwaye oko yinyaniso. Babengabo. Ngoku, bona, jonga hlobo luni lwenkolo ababenalo. Babehlangana kwencinci, edelekileyo indawo. Zange bathi, oo“Ah Mariya” okanye oo“Bawo wethu.”

Eso sisithethe secawa. Babesithini? Babedumisa uThixo. Babekhwaza. Bekhala.

⁷² Jonga apha kwiZenzo 2, xa ongcwele uMpostile uPetros, noYakobi, noYohane, nabo bonke behlangene. IBhayibhile ithe bathetha ngeelwimi. Kwaye bakhwaza, nkqu nokwenza bezaliswe ka—kakhulu nguMoya bade benza ngathi banxilile, kwaye de ihlabathi elingaphandle labuza, “Ingaba abanxilanga bonke na aba?”

⁷³ Kwaye ngoko uPetros, umpostile, ongcwele Ungcwele Petros, xa wamayo, waze wathi, “Madoda nani bazalwana, la madoda awanxilanga, kodwa azaliswe nguMoya,” njengoko—njengoko iBhayibhile itshilo ayenjalo. Ngoku, elo yayilibandla lobuKatolika langaphambili, ngokwemfundiso yabo.

⁷⁴ Ngoku, uyabona, emva kwamalunga namakhulu amabini eminyaka, izikhakhamela zaqalisa ukungena ebandleni. Ngoko zenza ntoni? Zenza owoquqala wabo umbutho eNicene Council, A.D. 606. Benza eyabo. . . Xa iNicene Council yabakho eNicaea, eRoma, baqalisa ukufumana bonke abahlonitshwa, baze *babumba* nje ibandla, *benza* icawa.

⁷⁵ Emva koko, yaqhekeka amatyeli amane okanye amahlanu. Bemka—bemka besuka kokuya, ukuya kubhishopu; ukusuka kubhishopu, ukuya kwipope. Kwaye ukusuka kokuya, nako kusiza ubuGrike Besithethe nezinye ezahlukileyo, de baqhekeka nje, ukuza koko ukubonayo namhlanje. Ikuhlobo nje lonke lokuqhekeka.

⁷⁶ Kodwa esizama ukwenza, mhlobo wam wobuKatolika, yabona, singamakatolika, nathi. Singawangaphambili, amakatolika okuqala. Kwaye ibandla abasibiza ngalo ngoku, ngamaxa amaninzi, sibizwa ngokuba singamapentekoste, ngokuba sikholelwa kwintsikelelo yobupentekoste.

⁷⁷ Kulapho ibandla lobuKatolika lenziwa umbutho. Kwaye emibuthweni yethu yobuPentekoste, namhlanje, ukuba—ukuba eli hlabathi lingema amakhulu amahlanu eminyaka ukutsala, lombutho wobuPentekoste uyakuba ngongqingqwa kakhulu kunebandla leKatolika yaseRoma linjalo namhlanje. Ibhekela nje phaya kude, indlela enye. Kwaye xa bazenza umbutho, benza indawo yokonwaba kuyo. Baze emva koko babe yindawo yokonwaba nje, namalungu, nemiphefumlo engaguqukanga.

⁷⁸ Kwabam abalungileyo, abathandekayo abazalwana noodade, kuni nonke. Njengesicaka sikaThixo, andizange ndikutsho oku ngaphambili, ehlabathini, kweli bandla, andizange ndikutsho. Kodwa njengomprofeti weNkosi, ndithi kuni, “Oku kukuKhanya. Hambani kuKo.” [IBandla liyavuya lize lithi, “Amen.”—Mhl.]



UKHOLO XHO61-0813

(Faith)

Lo Myalezo ngoMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngo-Agasti we-13, 1961, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waza wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org